# Abaprofeti benyaniso-nabobuxoki.

*Awu lingéyela lonke Ilizwe lipela sike satula.*

## Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.

Kuyiwa ngapina ngumzi wakowetu
Ukungatyelwa wonke ngadyokwe inye
Yimihlambi kwintili ze Afrika
Akubaporofeti yindibandiba.

Kausingise amehlo kwi Zityilelo
Isahluko seshumi linantandatu
Kwiversi yeshumi elinantatu
Bobhitya abaprofeti bobuxoki.

Kausingise naku Dutoronomi
Isahluko seshumi linesibozo
Kwiversi yamashumi amabini
Namashumi mabini anambini.

Ndihlelinje andisoze ndilibale
Ukutsho noko andimntu wakugxeka
Nto abayityilelweyo yeti nina
Lento ngati idukela esiswini.

Lento ingu Mprofeti yintoni? Nje bo
Makavele nose Kapa ne qinga
Umprofeti ngumb'ola ise Zulwini
Umngxolisi wezulu lidudume.

Lento ingu Mprofeti! Yingwe yetunzi
Usisitunywa se Nkosi ezondayo
Abaprofeti akudlalelwa kubo
Balitafa elilala amax'ama.

Bakona abenyani—nabobuxoki
Paula mleseshi wobaketa ngokwako
Abobuxoki mabafe ndaweninye
Izindlu zamagqwira ke zimelane.

Lento ingu Mprofeti! Yingwe yetunzi
Ngumlambo otsha amatye kusal'amanzi
Makavele ke nopipipi ngeqinga
Amabhedengu ayasipazamisa.

Ngummangaliso mnina lo e Afrika
Akubaporofeti yindibandiba
Ipambene Imidaka iyaprofeta
Tyo! Yonganyelwe bubuhle nobuciko.

Satshabalala ke tina ngokungazi
Besiswele i Sanuse na sivumise
Kuba no Mprofeti oyakuza ngenyani
Camaguni bo! Asisenakukolwa.

Abefundisi bedlula Iremente
Abaprofeti bagwaz' u Matiwane
Akude kubeko nto noko ibatyulu
Kanti zizanuse zodwa e Afrika

Yintonina lento kusuke kwanje
Anisayoyikina Ingweletshetshe
Ibhaibhile yabhalwa ngaba Profeti
Nganisenzele entsha ke nina bakoyo.

Kwafika Ilizwi lika Tixo ku Jona
Lisiti sukume uye e Nineve
Kulomzi umkulu umemeze kuwo
Ngomemezo enditeta lona kuwe.

Koba zintsuku ezimashumi mane
Ndiyibhukuqe mna konke i Nineve
Kuba inkohlakalo yayo idlule
Lada nevumba lati ngqu ngamazulu.

Wayengu mprofeti wenyaniso u Jona
Wagungqa umzi akufika e Nineve
Bazila abadla abasela manzi
Bazigubungela nangezirwexayo.

Wati u Jona Umprofeti—elowo!
Makabuye endleleni yake embi
Babuya konke ukuze bangabhubhi
Nonezibele wabenzela Inceba.

Azi ke kwaba betu abaprofeti
Ukonana oyakwenza singabhubhi
Oyakufana no Jona wenyaniso
Ote akutunywa wazamazama umzi.

Baporofeti nganize nento entsha
Nini enazi ubugqi base Zulwini
Niyazibiza ngegama elikulu
Ofulele ngani akasayi kuneta.

Lento ibubuprofeti buliramncwa
Bungenakuliwa konke ngamaqinga
Basop! Wahlatywa lizul' esix'hantini
Zokangelana nentaba ezingqele.

Awu yatsho i Flamingo ka Vaajbom
Engena kusela ezadungeni
Konken angokoyika ukuteta.

Camagu!